Applying a sort of subjective criticism to parts of the work, we should be glad to know if some parts of the chapter on Kuruman were written on the first upward journey—or in the light of wider experience and deeper knowledge of Native Christianity.

In recommending the Ten Years North of the Orange River to our readers, we are recommending to them a satisfactory book.

South Africa As It Is. p.p. 64.

By George M. Theal. King William's Town.

THE book with the above title contains in small compass, a large amount of important information on a variety of subjects connected with the Cape Colony and the adjoining countries. Population, Revenue, Production, Imports and Exports, Ecclesiastical and Educational Statistics, are some of the subjects treated of, and arranged under different heads.

We know of no work of similar dimensions which contains so much useful local information, and therefore we can recommend it to our readers, warning them not to judge of it, by its somewhat unpromising appearance in so far as the printing is concerned.

Contrary to the usual mode of authors, Mr.

Theal is printer, publisher, and author rolled into one. He also puts his name and an advertisement which, no doubt, is meant for a preface at the end of the book. Under these circumstances, it is very clear that publishing has been pursued under great difficulties.

Along with dense columns of figures and closely packed statistics, there is skilfully interwoven a great deal of interesting historical information which renders the work very readable.

If there should be any danger of Diamond seekers rushing inconsiderately to the diggings, they will be taught caution by the statements found on the last page. That page also contains a statement requiring correction—“While nearly all the diamonds found are small and faulty,” does not agree with the accounts from home which speak of the South African Diamonds as of great purity and hardness.

The pamphlet contains 64 pages of closely printed letter press, and is sold at two shillings with a large reduction to schools. We shall give some extracts at some future time.

We hope Mr. Theal will meet with the encouragement which he well merits, and that he will not desist from his laudable endeavours to render his work, as he at first intended, more full, in a new and improved edition.—J.L.

ETHICAL.

HEAVEN IS A HUMAN HEAVEN.

HEAVEN is not an angelic heaven, but a human heaven—the home of homeless hearts—the dwelling-place of human affections—the object of human desires—a human society—the restoration of all old associations, when the body is raised from the dust, and death is swallowed up for ever. But what above all makes it a human heaven is, that it is the dwelling-place of Emmanuel, God in our nature. How will those who have excluded themselves regret, that they did not believe God, when he said—If they shall enter into *my rest*. Therefore, be warned. To-day, if ye will hear his voice. Make sure then of having the spiritual and incorruptible life, and you will rejoin the family of man in that better country, where alone life is real, and where it will also be eternal.—St. C.

THERE IS ALWAYS A TO-MORROW.

AFTER reaching the summit of this world's glory, and tasting of its fondest delights—there is always a to-morrow.

After enjoying the pleasures of sin, which are but for a season—there is always a to-morrow.

After the goal of all your hopes has been reached—there is always a to-morrow.

After a man loses that without which he thinks he cannot live and that life is of no value now, and after the loss of all his hopes, he finds himself still alive, and life and destiny yet before him—for there is always a to-morrow.

After the sun of life has set, and the long night has closed in—there is always a to-morrow.—St. C.

The Lovedale Missionary Institution will re-open on the 27th July.

Isigidimi Sama-Xosa.

Vol. I.

LOVEDALE, SOUTH AFRICA, JULY 1, 1871.

No. 10.

Isigidimi Samaxosa.

UKULINGWA.

EYOKUQALA.

SONKE siyazi ukuba kukutinina ukulingwa, nokokuba kunzima kakulu ukupikisana nokulingwa, nakuba futi kusiliwa nako. Kuko abati bavume kwasekuqaleni bengezanga malinga okwoyisa; kuko kanjalo abanye abati balwe ixesha elide, nakanzima, nokoke bade nabo ekugqibeleni bawe. Kungummangaliso ukuba babeko abantu abati bangamlileli umntu owileyo, balibale ukuba kuyintonina ukulingwa, nokuba asingokulunga kwabo, lento bengawanga bona ngalo ixesha lokulingwa okunzima. Ukuba kuwe umntu omnyama obefudula engofundisiweyo, mhlayimbi eke wangum Kristu, wati akulingwa akabinako ukulwa, kodwa watyibilika wabuya waba ngumhedeni, kuye ngamaxesha amaninzi, sekugxekwa abafundisi. Kufuti ndisiva kusitiwa ngabagxeki bakuva ukuba kuko udade, mhlayimbi ukuluwe omnyama owileyo, "He-ke kupela, lelungelo abayifumanayo ngemfundiso yabo entle! Yinto ebendiyikangele!" Bazalwana abamnyama niyazi okwenene ukuba kwenza buhlungu abafundisi benu, kuzisa ihlazo ekufundiseni kwabo xa nivumelana nomlingi. Ngoko yibani nezibele kubo kwanje ngakuni niti ngamandla ka Tixo nilwe ngoburoti nezilingo ezinikatazayo. Kungalo itemba lokuba mhlayimbi kuko nakuni abalingwa kakulu, abangafumana intomakalalo ekulweni, lento ndinibalela lembali emfutshane:—

Ngenye imini bekuko abafana ababini bama Xosabebemi beteta omnye kwomnye. Oyena mkulu kubo ebambete ingubo ebomvu enxibe izivato zamaqaba, eteta ngomsindo. Omncinane ebebonakala yena ukuba ebeyinkwenkwe yasesikolweni, ependula ngoxolo nangokundilekileyo, esiti, "Kufanele ukuba sisono xa besitsho

abafundisi betu, ngokoke andinako ukuhamba nawe, Malangeni, ukuya kubonela ukutshila."

Itshiloke lonkwenkwe ukupendula, igama layo ibingu Thomas.

Ati ke U-Malangeni ukupendula, "Uyipikisela ntonina imikwa namasiko awavela kwobawo betu?"

U-Thomas, "Obawo betu bebehleli ebumnyameni, nasezonweni, yinene ukuba imikwa yabo ibikohlakeleingafanele ukuba yenziwe siti bafundisiweyo ukwazi okulungileyo, nokungalungileyo."

Baticwaka umzuzu wada wati U-Malangeni, "O! kengoko uyakuba yinkwenkwe bonke ubomi bako; xa ungavumi ukuya kubonela ukutshila kwabakweta, fanele ukuba nawe akukuba saba ngumkweta. Inkwenkwe," watsho eyijika intloko yake ngeratshi watshica, esiti, "inkwenkwe engafanele luto kupela ukwalusa amatole!"

Ati ke lomazwi amhlaba U-Thomas, wajika ngomsindo ukukangela kumlingi wake enxamele ukupendula ngomsindo, kodwa inkumbulo zake ezilungileyo zamoyisa, akapendula, wanxama wemka ku Malangeni. Ukuba siyayilandela lonkwenkwe, soyibona iye kuzimela etyolweni, kwakufutshane nalapo bebemi bobabini, izikahlela pantsi emhlabeni ilila inyembezi itandaza umtandazo wokuba ikululwe ekulingweni, kodwa inkululoko ayifikanga kamsinya, ibiseza kulingwa kabukali ngapezu koko kuqala.

Oyena mlingi wale nkwenkwe ibingumkuluwa wayo. Wake wangum Kristu. Kodwa wati etembela emandleni ake ngomnye umhla waya kubalingane bake abangabahedeni. Bati bona bamtsala ukuba abengumkweta. Emveni kwoku waselezilahlela ebuhedenini akabisasondele esikolweni, akabisahamba nabalingane bake besikolo, kupela wahamba nabo bebewile kwanjengaye.

Umninawe wake ebetyelele ekaya ngeholide, U-Malangeni wazikutaza kakulu elinga ukumenza U-Thomas ukuba alandele isifundo sake.

Ute akuti tu U-Thomas, U-Malangeni wemka ngenye indlela. Ite lenkwenkwe ebilingwa yakubona oko yabulela kakulu, ngokuba ibisoyika yakubona umkuluwa wayo esemi kulendawo esaza kumkataza. Uteke akumbona emka, ngoku ndokendifumane uxolo. Kodwa ebeposisile. Emveni kweyure ezimbalwa kute esahleli ecaleni lendlu kayise efunda, wabona U-Malangeni esiza namanye amadodana, weva kaloku, ukuba kuko into ezayo; wahlala ecinga ngokuti andisayi kubapendula abalingi bam.

Kwabonakala lamadodana akumbulisa U-Thomas ukuba kumhla ambonayo ngoku egodukilenje, ahlala pantsi aqala ngokumbuza imibuzo emininzi enje—Ukuba uyakubuye ayena esikolweni? uyasitandana? abuza namanani engubo zasemlungwini abezinxibile. Yonke wayipendula, etemba kodwa ukuba akayi kuyikankanya lanto ayoyikayo. Kodwa bekungenxa yalonto umkuluwa wake ebewazisile, bekungafanele ukuba bebeyakuyilibala. Bati bakuzikolisa ngezonto baticwaka umzuzu.

Wati omnye ebuza ku Thomas, "Uzakwenzani lonke elixesha upakati kwetu? ingabi uyakuhlala ufunda loncwadi?"

"Kumnandi ukufunda," atsho U-Thomas.

Ati omnye, "Yintoni igama laloncwadi?"

"Yi Bible."

"O yiyo! nam bendifudula ndiyifunda, kodwa asincwadi ilungele mna ngokuba ayivumi ukuba ndenze ngokutanda kwam. Kodwa ndokuxelela eyona nto ilungileyo, zikulule ezongubo zasemlungwini unxibe njengati, uqabe, uhambe nati siyekubonela ukutshila, siye nasetywaleni. Kulungile ukuba unxibe ingubo zasemlungwini xa usemlungwini naxa usesikolweni, kodwa xa ulapa mawenze njengati, ufane nati."

"Hayi, hayi andinako," watsho U-Thomas.

"Uyakutini lonyaka uzayo lakufika ixesha lokuba waluke?"

"Andisayikwaluka."

“Akukuba ngumkweta! kanimve!” (batsho behleka) “Uyakuhlala uyinkwenkwe, kunjalo na?” watsho omnye ngengekoko. Batike bonke, “Ewe, Inkwenkwe, inkwenkwe.”

Wati U-Thomas ukupendula “ndingabayindoda ukuba U-Tixo uyavuma ukuba ndipile noko ndingayenzi lomikwa incolileyo eyenziwa ngabantu bakowetu.”

Bati, “O yimfundiso yabantu abamhlope leyo, sobona ukuba woyigcina kangakananina.”

“U-Tixo wondinceda!” yatsho lonkwenkwe.

Bamyekake eloxesha, kodwa bapinda futi ukumkataza kwada kwalixesha elide engavumi. Kwada kwati ngenye imini bankataza bagqitisela eminye imihla. Ute yena akapendula nalinye ilizwi kodwa kubonakala ukuba kuko imfazwe empefumlweni wake. Bate abalingi bake bati cwaka, wema pambi kwabo.

Wati, “Anizanga niyeke xesha lokundilinga ukwenza esisono, nindikatazile, nindikataze ndada ndapants’ ukugeza; ndiyavuma ngoku, ndiyakwenza njengani, ndiyakuba njengani, nangalomini enkulu, xa U-Tixo omkulu ayakundibuza ngesisono, ize nipendule nina. Nikoliwena ngoku?”

Kwangeloxesha wazilahla ingubo zake zasemlungwini wambata ingubo, waqaba imbola, wanxiba newatsha, wahamba ke nabalingane bake: sebenjani ukuvuya, umkuluwe wake evuye ngapezu kwabo bonke. Bahambake besiya kubonela ukutshila; behamba behleka, bencokola. Kodwa kute kamsinya wati cwaka U-Thomas, ukwoyika kweza ebusweni bake, wema watitu, abalingane bake bati hamba, kodwa, yena wasuka wema, bati hamba, unantonina, hamba.

Wati U-Thomas, “Hayi, hayi, andinako ukuhamba. Ndonile, ndonile, kodwa andinako ukuhambisa kwezisono. O yinina ukuba ndipulapule ndakulingwa ngaboni, U-Tixo makabe nezibele kum.” Wati ngosizi olukulu wabaleka esiti, “U-Tixo wondixolela na?” Wakumbula imbali yonyana olahlekileyo wati njengaye, “Ndovuka ndiye ku Bawo.” Kwanje ngo nyana olahlekileyo wazuza uxolelo. Emveni koko U-Thomas ebehlala elingwa ngezilingo ezinzima, kodwa wema wati nqi njengo lwalwa, ngokuba ebebambelele

kuye onamandla amakulu. Nina nonke nofumana uncedo xa nilingwayo njengo Thomas ukuba niyakulufuna.

UKUFUNDISWA KWOKULIMA E-LOVEDALE.

NGALO nyaka udluleyo I-Lovedale Institution icite iponti ezimakulu mane, ekwenzeni umcencesho oyakuba nokucenceshela iakile ezimakulu atile. Kube kuko ubunzima ekuwenzeni kuba bekuko ulwalwa.

Enye yendawo ezinxanyelweyo ekuwenzeni lomcencesho kukufundisa iqela elitile labantsundu ukuba likwazi ukulima njengohlobo olufanelekileyo. Ukunqwe-neleka kwalondawo akunakupikwa bani. Abantsundu ngoku bayalima kunene, kodwa indlela abalima ngazo zicita umsebenzi, zigqiba nomhlaba. Imfundo engafundisa ukuba umsebenzi uncipe zize noko iziqamo zibe ngapezulu, ayinakuba ingabonakali ukuba iyinzuzo kubo abantsundu nakulo elilizwe.

Ngokunxamela ukunga ukwaziwa kokulima kunganda, sifuna ukuze kubeko ngo October ozayo isitandatu samadodana antsundu esiya kufundiswa lomsebenzi. Ukuba ke lite lanela inani lamadodana *afunelékileyo* ayakubatalwa nawo kwanje ngabasebenza inqwelo, nabakandayo, nabashicilelayo. Nawo ohlala iminyaka emine. Eyona ndawo inkulu nakulomsebenzi yoba kukufundisa abantsundu, ingabi kukunxamela inzuzo. Nokuba lomsebenzi wanele ukubatala indleko ozivelisayo akwasala nto ngapezulu koba kwanele.

Umgama abanokufundiswa batiwe ga kuwo woba nokumiselwa yimfundo aboza benayo abo bayakuzinikela kulomsebenzi. Bofundiswa indawo ezinje ngezi:—Ukufuneka kwokulima nzulu; uncedo lwemigquba (imanure) yentlobo zonke; ixabiso nesizatu sokuti ukuba bekulinywe umbona entsimini sekulinywa ntoyimbingomnyaka olandelayo. Ukuba umntu ufundisiwe izizatu zezinto unokusebenza kakuhle nakalula ngapezulu kwokufumana afumfutelisa.

Ekulimeni kufuneka ukuba umntu akuqonde ukupatwa kwempahla ezifanelekileyo zokulima. Kwabantsundu impahla zokulima ise—ligaba, nepuluwa, ne-ere, ngamanye amaxesha nehlaha. Ukuhlwa-

yelwa kwazo zonke intlobo zokudla kukuyi sasaza imbewu.

Ibanga lokuqala elingatatyatwayo eku-bekeni pambili kukufunda ukuhlayela ngemigca. Umbona ungalunga ngapezulu uhlwayelwe ngemigca. Kungati ke kwenjiwenjalo kulandele indawo ezinje ngokuwakanisa nge ere ezimazinyo angati axinene ebazile; nokuhlakula ngamahashe. Kufuneka kodwa ukuke umntu akufundiswe ukukwenza oku. Asikukoke nokuba umsebenzi ungenziwa lula kukuhlakula ngamahashe.

Noko masinga pupi ngokuti iziqamo zalemigudu zingati zibonakale kwasekuqaleni. Zingaya zisanda ngokwanda. Nokuba ipuluwa ibingenzanga nto yimbi ngapandle kokukulula abafazi ebukobekeni bokulima ngamagaba, babe abaninzi bebeleke abantwana, ibingaba yenze into enkulu kanye ngokwecala lesimilo.

I-FRANCE.

UMZI wase Paris usekwisimo esilusizi, esibi ngapezulu koko ibingqongwe ngama Prussia. Lawo ma French alwa ne Governmente yawo, agxotiswe aya kungeniswa pakati kwendonga zomzi. Akasenako ukulwa engapandle kwendonga. Kodwa pambi kokuba agxotwe alwa ngoburoti obukulu. Kengoku, njengokuba engqongiwenje, ayawutshisa umzi. Zininzi izakiwo ezihle kunene ezitshatyalalisiweyo. Ibotwekazi elikulu ekutiwa yi Tuilleries, ebeli namagumbi angamakulu atile, litshiswe langumtutu. Zininzi nezindlu zetyalike ezitshisiweyo. Ama French ngoku awalwi nantshaba zawo, alwa kwa nabazalwana. Kubulawana ngapandle kwezibele kumacala omabini. Kwindawo ekutiwa yi Clamart ate engaboni, lama French alwa ne Gornmente, afikelwa yimikosi ye Governmente, yabulala amakulu amabini anamanci mahlanu. Lemfazwe ayisenakuzingisa mgama unganani ngoku.

IREMENTE ZABANTSUNDU NOKUZIXASA PESHEYA KWO MZIMVUBU.

KUYAKUTI ukuze kube kuko ukuhluma kweremente zabantu abamnyama kube kuxa sezinkuzixasa ngokwazo. Xa sezifunde nokupa; zingamana zisamkela kodwa. Sinokoyikake kodwa ukungati iremente zabamnyama ziyimatelelondawo ungati zixoliswe kukutembela kwabamhlope. Ziti

noko zipiwa kangaka nje, inkoliso inganiki nento ukuxasa abafundisi bazo. Kodwa kufuneka ukuba zivuke kuba zohlala zingento yanto, mhlaumbi zitshabalale kuti tu.

Kulusi'zi ukuva ukuba "iremente yase New Griqualand, isilelelwe kanye kukuxasa U-Rev. N. Bezuidenhout."

Leremente yase Griqualand, epesheya kwo Mzimvubu, yayicele umfundisi, yati boti ukuba babini imxase ngokwayo omnye. Bakutshwake bababini okwenene. U-Mr. N. Bezuidenhout waketwa yiyo ngokwayo. Wati noko waka wanga uyatandabuza wada waya. Ngalomnyaka akuko nento emnike yona. Izifumene kuye izinto zenkonzo ka Kristu, kodwa yona ayimnikanga nesiqingata seshumi soko ibifanele ukukurola. Oku kulihlazo, kubonisa intswela-mbulelo, kungawafanele ama Kristu.

Kodwake singa izihlobo zetu ezimnyama singazikumbuzwa amazwi ka Kristu, ati—"Ongena sono pakati kwenu makabe nguye oqala ukuposa ilitye ngakuye." Pakati kweremente zabamnyama zimbalwa ezinentwana eziyenzayo yokuxasa abafundisi abapakati kwazo. Uninzi alunqweneli nokunga lungayazi londawo. Akuko nto luyilingayo. Ukuba bekuko umoya wobukristu kuzo, zininzi indlela ebinga xaswa ngazo I-Gospel. Ibingati ukuba iswelekile imali kunikwe nempahla, kuncediswe nangomsebenzi. Izikolo ezikade zimi ngoku agesezizixasa ngokwazo.

Nokuba kutetwa amazwi anzima, makati ama Kristu amnyama awatwale. Akunakwenziwa ngakumbi. Siyikankanya nje leremente yase Griqua sifuna ukuze bazifune bonke abakwanje ngayo ukuswela imbulelo. Yona ikwafana nezinye esingazibizayo nangamagama. Angamakulu nama-waka Amakristu abamnyama anganikanga ngapezulu-kwala ma Griqua. Lihlazo kubo bonke abo! "Namkele ngesisa, yipani ngesisa." Guqukani kwesi sono hleze itamsanqa lika Tixo lingabi nakuzaliseka pezu kwenu.

UKUHANJISWA KWE LIZWI LIKA TIXO

NGU MR. PETER MASIZA NO MR. S. GAWE.

NGOMHLA we 17 ku April, sanduluka kwa Mfuleni sobabini saya kugaleleka E-Hebehebe, apo U-Mr. Masiza wangenisa ityalike ukumka komhla. Babambalwa abantu abakulu, kwakolisa ngentsapo. U-Mr. Masiza wateta ngako ukwakiwa kwetyalike. Inkosi yakona yeza ku S. Gawe, yati, bantwana bam namhlanje nifike ngemini embi ngokubanize mhlana mna ndihlanganisa impahla yokwenza indlela yenqwelo. Ewe safika neremente yakona ihleli kakuhle nabantwana befunda kakuhle. Umntu esafumana indaba ezimbi ngaye ngumfundisi wentsapo wakona. Wabuya U-P. Masiza wangenisa umtandazo wakusasa.

Ngolwe 18 saya kugaleleka E-Ndakana. Sayifumana inkosi ikomnye umzi. Sati kuyo usalazina ilizwi owaliteta no Mr. Waters? Yati 'Ewe ndisalazi.' Yati ilindele zonke imini umshumayeli ovela ku Mr. Waters.

Ngolwe 19 saya kugaleleka E-Nqamakwe seku-

ngokuhlwa. Salala kamnandi ku Mr. Klass Mtakati. Kusasa umtandazo wapatwa ngu S. Gawe. Babako abantu noko besingabalindele ngenxa yokuba kude kwabo. Abantu baloremente balishumi elinesinye. Oza kupehlelelwa mnye. Intsapo zesikolo encwadini zi 46; ezikolisa ukungena zi 20.

Ngolwe 20 saya kufika E-Newazi sekuhlwile sasesilala. Kwasa sisenza umtandazo, wapatwa ngu S. Gawe. Sesuka safika kumzi ka Mr. Michael emini. Wasamkela kakuhle. Sati makahlanganise abantu ngokuba size kubabona. Wabahlanganisa ke, bangena emva kwemini babaninzi, kuko nama Lawo, wazake ngoko U-Mr. Masiza washumayela nangesi Bulu. Abantu balo remente basibozo, kodwa abamkeli bomtendeleko batatu. Intsapo zesikolo zi 26. Safika ngecawa abapumla ngayo abantwana, bekangela emva kwempahla. Sesuka kusasa ngolwe 21, sapelekwa ngu Mr. Michael waza kubuya E-Gcuwa.

Safika E-Newazi emini. Safika namhla eko umshumayeli wakona, nabantu sebesilindele. Waselengenisa ityalike U-Mr. Masiza. Abantu beremente yakona bali 11; abomtendeleko basibozo. Intsapo zesikolo encwadini zi 31; ezikolisa ukuhlala zingena zi 20. U-S. Gawe wenza umtandazo.

Ngolwe 22 saya E-Mtwaku. Safika kona abantu sebesilindele sebehlanganise ngu Klass Mtakati. Nenkosi yayiko. Yaba yinto eninzi yabantu. Yati yakupuma inkonzo abantu bonke babuzá owabo umfundisi ukuba bomfumana ninina? Wayete U-Mr. Waters womtumela.

Ngolo kuqala ku May, seza kugaleleka E-Caba (St. James' Mission). Isikolo sakona sihambiseka kakuhle, kodwa safika umfundisi wakona engaseko. Ngendlu yetyalike, uti U-Booy Malras, inkosi yakona, ewe ityalike uyavuma ukuyaka, kodwa akakabi naxesha ngenxa yokuvuna. Enye into usaxakwe nayindlela. Ubengekaqiniseki nokuba iyakwakiwa ngezitena nokuba koba ngemiti sinina.

Exojana, U-Ramnewana wafika kum ngokuba bendimbizile, wandixelela ukuba amaqaba akasangeneni etyalikeni ngenxa yemigidi. Sekungena abantu beremente bodwa, be 11 ngenani.

Ngolwe 2 ku May ndaya kufika E-Xolobe (St. Stephen's) kusekusasa, ndasendisiya ku Ngcongolo. Ndenza ityalike kona. Yati yakupuma ndateta nayo inkosi leyo ngokwakiwa kwendlu yetyalike. Yati yona iyayifuna kakulu ukuba ibeko; kade ilinga ebantwini ukuba mayenziwe, kodwa abavumi, nayo ngokwayo kaloku ayinanto ingabaqalela ngayo. Yati ukuba kuko iqinga lokuba bayenze, make ndilinge nam, yona kade ibazama.

S. GAWE.

LOVEDALE MISSIONARY INSTITUTION.

KULE Institution kopindwa ukungenwa ngolwe Sine ngolwe 27 ku July.

Kwesentombi isikolo kuya kwamkelwa ezimbini intombi mhlaumbi ezintatu kwigela elifunda imisebenzi. Ezo zisemsebenzini ziyifumana imfundo ngokuhlwa; zize zibatalwe isheleni zone ngenyanga, ngonyaka wokuqala, zizuze nokudla kwazo. Ote wakangela kwi *Sigidimi* sika December wozifumana kona ezinye indawo.

Sitemba ukuba izihlobo zetu ezintsundu zoyikumbula imali yabantwana yomnyaka, ngokuba kufuneka ukuze babatalwe ngalomini, abangena ngo January odluleyo. Siyazimema ukuze zibeke kulo ntlanganiso:

INGQAKAQA.

E-KAPA kuko umntu oseleke wabanjwa yingqakaqa. Ngoku ukwi Somerset Hospital, ubekwe yedwa. Njengokuba singasenako nje ukuyipepa ingqakaqa sitemba ukuba boti abo bangekaqa-tshulwa sebesinga emagqireni ukuba baqatshulwe. Asikeva ukuba iselifikile nase Bayi.

E-London abantu ababulawa yingqakaqa bangamakulu amabini iveki zonke. Eyona nto incedayo kukuqatshulwa. E-Derby ese England usand'ukuti U-Dr. Flinn, akukabiko mntu ubulewe yingqakaqa, noke yamhla emveni kokuba seleqatshulwe kabini.

IZINTO NGEZINTO.

ELINYE ikonxwa lom Xosa lite lisemba amatye E-Rini lawelwa ludonga lwalomnxuma belisimba kuwo lafa. Kute ukudilika kodonga laselwa kwetu, lati lakumbiwa kwafikwa selifile.

NGECAWA edluleyo amapolisa ase Bini awabamba onke ama Mfengu nama Xosa awayehleli kona engenamaqaga. Kwafakwa ishumi elinesitoba etolongweni. Ngemini elandelayo yati inxenyeyawo yavelisa ubunqina bokuba inabelungu esebenza kubo. Banikwake abo amaqaga, isihlanu sabo sohlwaywa.

E-DORDRECHT kuko Umxosa osand' ukulinga ukudlisa umntu nosapo lwake. Lomxosa wayexabene nenkosikazi yake, wazake wafaka umnqambu wecuba embizeni yeteya. Isihlanu salondlu saka sagula, sabuya sapila kodwa. Lonkwenkwe ngoku izimele.

U-REV. Mr. Paterson wase Uitenhage ugodukile ukuya E-England. Ube seleminyaka ima 35 engumfundisi kwelilizwe. Abantu bake baba lusizi ukwahlukana naye. Abanye abaka bapantsi kwemfundiso yake bahamba imayile ezingapezu kwe kulu ukuza kumbona pambi kokuba emke.

U-MR. GRIFFITH, imantyi yase Qonce ngoku uye kuba yimantyi elu Sutu.

EZENTENGO (I-FANDESI).

NGOLWE Sine ngolwe 6 ku July kuyakutengiswa E-Hilton ngase Rini, igusha, neboke, nenkomo, nenkabi, nenkunzi zegusha, ikasi zoboya, nenqwelo.

E-RIETFOONTEIN ngase Colesberg kuyakutengiswa ngu Mr. E. van Bart, impahla ka Mr. J. van Schalkwijk nge WEDNESDAY, ngolwe 2 ku August, Igusha ezi 1500, Inkomo ezi 90, Amahashe ama 46, Inqwelo ezi 2, nenqwelana zamahashe ezi 4; Impahla yendlu, enjenge zitulo, netafile, nezitya, nengubo zokulala; Impahla zokulima, ozipuluwa, nomihlakulo.

INTENGO YEZINTO EMARKENI, NGECAWA EDLULEYO.

AWONA MANANI MAKULU.

KWEYASE BAYI.

Nge 100 leponi:—Itapile 6s., umgubo 9s., umbona 7s., amazimba 6s., ihabile 6s., imbotyi 12s., iertyisi 15s., irasi 6s.

KWEYASE RINI.

Nge 100 leponi:—Umbona 6s., umgubo 10s., amazimba 6s. 3d., itapile 11s.; izikumba zenkomo ngeponi 3¼d.; inkuni ngefulara enkulu £1 15s.

HOUSE DUTY

UNDER ACT No. 9, 1870, PAYABLE 1st JULY, 1871.

GOVERNMENT NOTICE, No. 196, 1871.

Colonial Office, Cape of Good Hope, 6th June, 1871.

HIS Excellency the Governor directs it to be notified, for general information, that the House Duty imposed by the Act No. 9 of 1870, accruing to Her Majesty in her Colonial Revenue for the year 1871, becomes due and payable on the **FIRST DAY OF JULY NEXT**, and must be paid by the person who may on that day be in occupation, or entitled to the occupation of any House or Premises valued under the said Act, *without the receipt of any notice.*

By command of His Excellency the Governor,
R. SOUTHEY, Colonial Secretary.

I R A F U

IMISWE NGOMTETO WE 9, WOMNYAKA WE 1870,
IROLWA NGOLWO 1 KU JULY, 1871.

INTSHUMAYEZO YE GOVERNMENTE, No. 196, 1871.

E-Ofisini Enkulu, E-Kapa, ngolwe 6 ku June, 1871.

INKOSI Enkulu I-Governore iyazisa kubantu bonke, ukuba Irafu Yendlu le imisiweyo ngomteto we 9, we 1870, yokongeza kuyo imali yokuxasa I-Koloni le ngomnyaka we 1871, iyakulwa **NGOSUKU LOKUQALA KU JULY WALOMNYAKA.** Le malike imelwe ukuba ibatalwe njengokomteto lowo ngumntu owoba ehleli kuyo ngalomini, uyakuyibatala ke kungayiwanga kuye.

Esi simiso Senkosi Enkulu I-Governore.

R. SOUTHEY.

U. JEREMIAH WOODLAND,

UYAKUTENGISA Ngolwe 8 KU JULY, into eninzi kunene yempahla, ezivela kwizikiti ezilishumi elinazibini, ngapandle kwezinto zabantu ngabantu.

ZIYAKUTENGISWA ESKITI SASE CRADOCK.

Izihlobo zam ezingama Xosa kukona ziqalayo ukuqonda ukuba kuyinyaniso ukuba U-Jeremiah Woodland, uhlala Enamahashe, Namahashekazi, Nenkomo, Namatokazi, nezinye izinto azitengisa ngamanani alula.

Yizani kengoko nizibonele nani ngokwenu.

Emva kolwe 8 ku July kuya kuhlala kutengiswa impahla zesikiti nezabantu ngayo yonke imi **GQIBELO YOKUQALA**, kuzo zonke inyanga, kuqalela kolwe 5 ku August. Ningalulibali usuku lwe 8 KU JULY. Nixelele nezihlobo zenu ukuze nazo ziyazi lonto.

Printed and Published at the Lovedale Missionary Institution Press,
about the first of each month.

EDIKENI NASE-MKUBISO,

U-J. B. TEMLETT,

Uhlala enempahla ezitengisayo ezilungileyo, ezinje ngentlobontlobo zengubo; iswekile nekofu; intlobontlobo zekomityi nepleti; ipuluwa, nepeki, nentlobontlobo zezitya. Ingafunyanwa nenkoliso yezinto ezifanele indlu.

Izivato zokutshata nezinye intlobo zezivato. Nazo zonke intlobo zezilimo zingatengwa.

Kwanamayezana okupilisa zonke izifo, nabo bonke ubulwelwe; ukuba alikabi lira lokuba umntu afe.

U-J. MILLS,

Umhlanganiseli wabanamatyala,

Nemali uyayibuta nemicimbi yabantsundu uyayiquba ezindlwini zamatyala;

*Ezise DIKENI nase SINQENQENI
nase MPOFU.*

U-A. T. GOODCHILD,

Ngumteteleli wamatyala entlobo zonke
E-DIKENI.

MISSIONARY CONFERENCE.

THE NINTH ANNUAL MISSIONARY CONFERENCE of Missionaries labouring on the Frontier, will be held in the Council Room of the Town Hall, King William's Town, on Wednesday, the 12th of July.

Proceedings to commence at 10 o'clock.

JAMES LAING, Secretary.

HEADS OF KAFFIR NEWS.

TEMPTATION NO. I.

AGRICULTURAL TRAINING AT LOVEDALE.

FRANCE.

NATIVE CHURCHES AND THE SUPPORT OF THE GOSPEL.

SMALL-POX AND VACCINATION.

EVANGELISTIC WORK BY S. GAWA.

MISCELLANEOUS.—Government Notices.—Sales,
—Advertisements, &c., &c.